# Simi Pina ?

## (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Ndoda ecingayo yivuke; ubeke amehlo ngasemva: Bisa inkumbulo ivuke; ixele intlalo endala: Yayama emsimelelweni, upulapulise indlebe: Yolula amapiko usinge—ngase maxe eheni akude ;—Kwa kunjanina ngeloxa kupekwa ngembiza zodongwe ; Kwa kunjanina ngeloxa kubinqwa isikumba zenkomo ? Namana nilanda nisiti, bonisani otshatileyo ; Mhla kwakufik' abelungu becande ilwandle —ngelwandle : Kunkentez' amawa sivel' intlokoma zipapatekis' u Nongqause : Ha-la-la ! Simipina namhlanje ? Yintonina eyakwenza ukuba le Afrika yetu itshabaleleyo imiwe? Uugoyiki ! Qwalasela kwa la Bhaibhile bakungena ngayo, "Esisiqu sika Tixo:" Le bakutyamza ngaye, baza peza kwayo bakuvisa ubuhlungu : Yayise ngomva nayo hi ? Yalingisa okololo ? Zenze ke wena ngayo, "Idini le Tyala," akusayi kudaniswa :—

Vusa Inimba yakumakowenu
Yekulo Ngabencuka kwezakowenu
Utete ngelid-la ngelika Hintsa
Amagama Eukosi ayandipazamisa

Simi pina nganitsho makowetu
Kulemimango yelizwe lakowetu
Awu lento Imbongi zinocaku
Kuno kuyeka ukozo lungadl' inkuku.

Simipina nganitsho makowetu
Kulemilambo yelizwe lakowetu
Isala kutyelwa sabona ngelopu
Gaqa ke uhamba uxel' idolopu

I Bhaibhile igunqulwe yayinyongo
Yindlela leyo ? Ezisa Imibingo ?
Sakufa sivile tina bomaqaba
Ngobume nikubo nitshone nenkaba

Simipina nganitsho makowetu.
Nakulendyebo yelizwe lakowetu
Ndak'ubeka ngozwane olupakati
Ndawa ndivuka kanye namapakati.

Simipina namhlanje makowetu
Imnikile nemfuyo kwizwe lakowetu
Latob' imbalela kwatsha nemilambo
Azi atinina amabandla se Mbo.

Lityumtyum ezindleleni ze Afrika
Ndibe ngalala ndibete ndisotuka
Wapulwana Afrika njengesitya
Esinganandziweyo sona isitya

Sancama namhlanje tina mzi ka Ngqika
Ne Bhaibhile isongwa isombuluka
Yayingati ipungula imitwalo
Yeza nenzima ke kodwa imitwalo.

Simipi ? Akuko ndawo simi kuyo.
Ngati sikumsito wakwa Lambatayo
Kuba yonke into yaba ngamampunge
Ento zokudlala odwa amampunge.

Nentombi azisagidi ngalubambo
Zikab'ono mtatsi kwapuke imbambo
Salahl' amakazi salahl' amakaya
Mazibuye ke Indlovu zidle ekaya.

Izililo xa ndilapo makowetu
Ningetuki nganicinge ngezwe letu
Xa ndilapo Imbongi ke zinccuku.
Kunokuyeka ukozo lungadl' inkuku.

Wugqwetele Mgqwetto lomhlaba ka Palo
Beta Izizwe zivuke amapalo.
Utsho zidume nendonga zase Bhayi
Nezishumane zambate amabhayi

Ngawuve ! !